**UPHANDO LWASE-OVERSTRAND NGAMAGUGU EMVELO**

UMasipala waseOverstrand ugunyazise ukuba uphando olwenziwayo ngokuphathelele kumagugu emvelo kufuneka lwenziwe ngokwemigaqo emiselweyo phantsi koMthetho waMagugu ayiMithombo yeMvelo kuZwelonke (Umthetho ongunombolo 25 we-1999) njengenxalenye yomsebenzi wamalungilelo. Uluhlu lweendawo ezingamagugu emvelo nolusephantsi kwesigaba seengxoxo lugqityiwe kwaye abanomdla nababandakanyekayo bayacelwa ukuba banike iingxelo zabo kule miba ilandelayo:

- Ukuchongwa kweendawo ezingamagugu emvelo nokuphuhliswa kwazo.
- Ukucandwa kwemida yemimmandla echongwe njengamagugu emvelo.
- Ukuchongwa kweendlela ezibonisa ubuhle bendalo kunye neendawo eziliqhayiya kwimbonakalo yelizwe.
- Izikhokelo ezisisiseko kulawulo lweenkqubo zophuhliso ekuqaqambiseni ukubaluleka kwala magugu emvelo kwindawo afumaneka kuzo.

Amaxwebhu aneenkcukacha ngokuphathelele kuphando ngeendawo ezingamagugu emvelo aza kufumaneka ngomhla wama- 30 Juni  kwilayibri yaseKleinmond, eHermanus, eStanford, eHawston, naseGansbaai.

Kuza kubakho iintlanganiso ezivulelekileyo eluntwini apho kuza kwenziwa ingxelo ngesicwangciso esiza kulandelwa  kunye noko kuza kubekwa esweni ngokuphathelele kuphando ngamagugu emvelo. Ezi ntlanganiso ziza kubanjelwa kwezi ndawo zilandelayo ngokwala maxesha abekiweyo:

- Kwilayibrari yaseKleinmond ngo14h00 – 18h00 umhla wama-27 Julayi 2009
- Kwilayibrari yaseHawston ngo12h00 – 14h00 umhla wama-28 Julayi 2009
- Iholo lika masipale Hermanus ngo16h00 – 18h00 umhla wama-28 Julayi 2009
- Kwiholo lekomiti lase Gansbaai ngo12h00 – 14h00 umhla wama-29 Julayi 2009
- Kwiholo lekomiti lase Stanford ngo16h00 – 18h00 umhla wama- 29 Julayi 2009

Ixesha elibekelwe ukunika izimvo zakho liphelelwa ngomhla we-7 Agasti. Qhagamshelana noGgqr. Nicolas Baumann ukuba unemibuzo okanye ufuna ukunika izimvo zakho (urbancon@iafrica.com; 083 308 3900).